

B5: Site notice



water affairs

Department:
Water Affairs
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Notice of an Environmental Impact Assessment (EIA) for the Mzimvubu Water Project, Eastern Cape: Department of Environmental Affairs Ref No (Dam infrastructure: 14/12/16/3/3/2/677, Electricity generation 14/12/16/3/3/2/678, and Road upgrades 14/12/16/3/3/1/1169).

Notice is hereby given in terms of the National Environmental Management Act (NEMA), 1998 (Act No. 107 of 1998), and the National Water Act (NWA), 1998 (Act No. 36 of 1998), that Environmental Authorisations and a Water Use Licence will be required for the activities described below. In this regard, applications have been submitted to the Department of Environmental Affairs (DEA) and will be submitted to the Department of Water Affairs (DWA). Given the nature of this project, both scoping and environmental impact assessment procedures will be followed.

The Mzimvubu Water Project covers the district municipalities of OR Tambo, Alfred Nzo and Joe Gqabi in the Eastern Cape Province. This project consists of a proposed dam, known as Ntabelanga Dam, to be located on the Tsitsa River, a tributary of the Mzimvubu River, and will lie 12 km north-east of the midway point of the Tsolo to Maclear Road. The closest villages are Ngqongweni, Cekwayo and Siqungweni. On the same Tsitsa River, downstream of Ntabelanga Dam site, another dam known as Laleni Dam, located upstream of the Tsitsa Falls, will be developed for hydropower generation. Both dams are to be developed and operated as one integrated scheme. Environmental authorisation will be required for the infrastructure components for the following activities:

- | | |
|---|-------------------------------------|
| Dams; | Pumping Stations; |
| Flow Gauging Weirs; | Water Treatment Works; |
| Road re-alignment and upgrading; | Waste Water Treatment Works; |
| Domestic water supply pipelines and reservoirs; | Hydropower generation; |
| Raw water pipelines and reservoirs; | Power lines; and |
| | Access roads to construction sites. |

- A Water Use Licence (WUL) is required for the following water uses that will be triggered by the project:
- Section 21(a) taking water from a watercourse;
 - Section 21(b) storing water;
 - Section 21(c) impeding or diverting the flow of water in a watercourse;
 - Section 21(i) altering the bed, banks, course or characteristics of a watercourse;
 - Section 21(f) discharging waste or water containing waste into a water resource through a pipe, canal, sewer, sea outfall or other conduit; and
 - Section 21 (g) disposing of waste in a manner which may detrimentally impact on a water resource.

In terms of the Mineral and Petroleum Resources Development Act, 2002 (Act No. 28 of 2002) (MPRDA), as amended, and the Mineral and Petroleum Resources Development Regulations in GNR 527 of 23 April 2004, the Department of Water Affairs (DWA) has been exempted by virtue of GNR 762 of 25 June 2004 from the application procedures and the approval of rights and permits in terms of sections 16, 20, 22, and 27 of the MPRDA. However, in accordance with section 106(2) of the MPRDA, the DWA is required to compile an Environmental Management Programme (EMP) for approval in terms of the provisions of section 39 (4) of the Act.

ILISO Consulting (Pty) Ltd has been appointed by the DWA to undertake the EIA and associated public participation process. Stakeholders requiring more information on the project can register as an interested and affected party (I&AP) by contacting Kim Dalhuijsen by post, telephone, fax or email on the below details.

ILISO Consulting (Pty) Ltd
PO Box 68735
Highveld, 0169

Kim Dalhuijsen
Email: Kim.d@iliso.com
Tel.: (012) 685 0900
Fax: (012) 665 1886

Isaziso malunga noVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo (EIA) lweProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu, eMpuma Koloni: IReferensi yeSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo (Ulwakhiwo lweDama: 14/12/16/3/3/2/677, Uveliso lombane 14/12/16/3/3/2/678, kunye Nokuphuculwa kweendlela 14/12/16/3/3/1/1169).

Esi sisaziso ngokwemimiselo yoMthetho kaZwelonke wezokusiNgqongileyo (NEMA), ka-1998 (uMthetho onguNombolo 107 ka-1998), kunye noMthetho kaZwelonke waManzi (NWA), ka-1998 (uMthetho onguNombolo 36 ka-1998), sokuba kuza kudingeka iZigunyaziso Ngokusingqongileyo kunye nePhepha leMvume Yokusetyenziswa Kwamanzi kule misebenzi ichazwe apha ngezantsi. Ngokunxulumene noku ke, izicelo zifakiwe kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo (DEA) kwaye ziza kufakwa kwiSebe Lemicimbi Yamanzi (DWA). Ngenxa yobume bale projekthi, kuza kulandelwa iinkqubo zokuhlela umsebenzi kwanezo zovavanyo lwempembelelo kokusingqongileyo.

IProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu ibandakanya imimandla kamasipala wase-OR Tambo, owase-Alfred Nzo kunye nowase-Joe Gqabi, eMpuma Koloni. Le projekthi iquka idama elicetywayo, elaziwa njengeDama laseNtabelanga, nelikuMlambo iTsitsa, isebe loMlambo iMzimvubu, nokwindawo ekwiikhilomitha eziyi-12 emntla-mpuma kwindawo esembindini kwindlela yakuTsolo naseMaclear. Iilali ezikufutshane yeyaseNgqongweni, eyakuCekwayo neyaseSiqungweni. KuMlambo iTsitsa, emazantsi esiza seDama laseNtabelanga, kuza kwakhiwa elinye idama elaziwa njengeDama laseLaleni lokuvelisa umbane, nelisemantla kweeNgxangxasi zaseTsitsa. Omabini la madama aza kusetyenziswa njengesibonelelo esinye esihlangeneyo. Kuza kudingeka isigunyaziso ngokusingqongileyo ngokuphathelile kulwakhiwo olukhoyo xa kusenziwa le misebenzi ilandelayo:

Amadama; Iindonga Ezilawula Amanzi Emlanjeni; Ukuphuculwa nokumiswa ngokutsha kweendlela; Imibhobho yonikezelelo lwamanzi asezindlini kunye namachibi; Imibhobho yamanzi angalungiswanga namachibi;	Imisebenzi Yokucoca Amanzi; Imisebenzi Yokucoca Inkunkuma Emanzini; Uveliso Lombane; Iintambo zombane; kunye Neendlela zokuya kufikelela kwiziza zolwakhiwo.
---	--

- Kudingeka iMvume Yokusetyenziswa Kwamanzi (WUL) xa kusetyenziswa amanzi kwezi zinto zilandelayo noku-zothi kuphenjelelwe yiprojekthi le:
- Icandelo 21(a) ukukhiwa kwamanzi emlanjeni;
 - Icandelo 21(b) ukugcinwa kwamanzi;
 - Icandelo 21(c) ukuphazanyiswa okanye ukujikwa kwendlela yokuhamba kwamanzi emlanjeni;
 - Icandelo 21(i) ukutshintshwa kwesiseko, iindonga, umjelo okanye naziphi na iimpawu zomlambo;
 - Icandelo 21(f) ukukhutshwa kwenkunkuma okanye amanzi anenkunkuma aye kuvimba wamanzi ngombhobho, imijelo, imijelo engaphantsi komhlaba ehambisa amanzi amdaka, okanye enye indlela yohambiso lwamanzi; kunye
 - Icandelo 21 (g) ukulahlwa kwenkunkuma ngendlela enokuthi ibe negalelo elingelihlanga kwindawo yamanzi.

Ngokwemimiselo yoMthetho Wophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam, ka-2002 (uMthetho onguNombolo 28 ka-2002) (MPRDA), njengoko ulungisiwe, kwakunye neMimiselo Yophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam ekwisaziso sikarhulumente esingunombolo GNR 527 somhla we-23 ku-Epreli 2004, iSebe Lemicimbi Yamanzi (DWA), ngenxa yesaziso sikarhulumente esingunombolo GNR 762 somhla we-25 kuJuni 2004, alizidingi iinkqubo zofako lwesicelo kwakunye nokwamkelwa kwamalungelo okanye iimvume ngokwamacandelo u-16, 20, 22, kunye no-27 oMthetho i-MPRDA. Nangona kunjalo ke kodwa, ngokwecandelo 106(2) loMthetho i-MPRDA, iSebe Lemicimbi Yamanzi kudingeka ukuba liqulunqe iNkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo (EMP) ukuze yamkelwe ngokwemimiselo yecandelo 39 (4) lalo Mthetho.

ISebe Lemicimbi Yamanzi lityumbe i-ILISO Consulting (Pty) Ltd ukuba ibe yiyo eyenza uVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo kwakunye neqhuba inkqubo yokuginisekisa ukuthathwa kwexaxheba nokubandakanywa koluntu. Amaqela achaphazelekayo adinga ulwazi neenkukacha ezingaphezulu malunga neprojekthi angabhalisa njengeqela elinomdla nelibandakanyekayo ngokuthi aqhagamshelane no-Kim Dalhuijsen ngeposi, umnxeba, ifeksi okanye i-imeyile kwezi nkukacha zoqhagamshelwano zilapha ngezantsi.

ILISO Consulting (Pty) Ltd
PO Box 68735
Highveld, 0169

Kim Dalhuijsen
I-imeyile: Kim.d@iliso.com
Umnxeba: (012) 685 0900
Ifeksi: (012) 665 1886

